# UMalusi neGongqongqo leBhafu

Libali lika Leo Daly
Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink



Konke endikuthethayo kuyinyaniso. Ndiyafunga ngentliziyo yam yonke andizi kuphosisa, ukuba ndiphosisile ndakutya impukane iphila!

Mna nodade wethu omdala, uZandi siyakuthanda ukudlala egadini. Sigxovuza eludakeni sembe imingxuma enzulu.

UZandi ubaxekile kunam. Mna ndingcolisa kuphela izandla kunye neenyawo. Kodwa uZandi yena yonke into ibamdaka. Iinwele zakhe iingalo konke kubamdaka. Nditsho nempumlo ibankone ludaka.



Umama uthi, “Nina nobabini lixesha lokuhlamba!”

Kodwa uZandi akafuni kuya ngaphakathi. Uthi kum, “Malusi, ndiza kuhlala apha andiyi ndawo!”





Kodwa ndiyawathanda amaqampu esepha. Ndigutyula ukungcola kwiinyawo zam. Ndigutyule ndigutyulisise. Oko kuvakala kamnandi.

UZandi uyangena. Uthi kum, “Malusi, awuloyiki iGongqongqo leBhafu?”

“Akukho nto ebizwa ngeGongqongqo leBhafu apha,” nditsho ndiphelile yintsini.

"Ewe ikhona," kutsho uZandi. "Lithi gqi kumngxuma wokuchitha amanzi yaye lineengalo ezintathu kunye namehlo amane. Yaye ayikho into iGongqongqo leBhafu elithanda ukuyitya ngathi ngabantwana abacocekileyo."

Ngoku ndinalo uloyiko oluncinci. Mhlawumbi ngenene likhona iGongqongqo leBhafu.

UZandi undincumela ngolukaBlankethi lona uncumo, "Kulungile ke Malusi. Uyonwabele ibhafu yakho!" Uyaphuma kwigumbi lokuhlambela aye ngqo ebhedini.

"Musa ukuyoka Malusi," nditshilo ndizithethela. "Ayikho into eliGongqongqo leBhafu."





Kanye ngelo xesha yenzeka into! Kuqale kwakho isandi ngathi sesokurharhaza – njengamanzi ehla edreyinini.  Emva koko kubekho ukuntswiniza nokugxampuza, kwaza kwavakala isandi esithi wahla. Ekugqibeleni kwabakho into etsibayo ephuma emngxunyeni wokuchitha amanzi: IGONGQONGQO LEBHAFU!

Ngaphambi kokuba nditsho nelimdaka, iGongqongqo leBhafu laqhwanyaza ngamehlo alo amane, ngelizwi elingqokolayo lathi, “Awunguye lo umdaka. Ngudade wenu andithi? Uhlala ethetha kakubi ngam – yaye konke akuthethanyo ngam akusiyonyani. Akukho nalinye iGongongqo leBhafu elithanda ukutya abantwana.”

“Anikuthandi?” Nditshilo, ndiziva ndikhululekile.

“Konke-konke,” lahleka latsho iGongqongqo leBhafu. “Nditsho nkqu iGongqongqo leNdlu yaNgasese neGongqongqo leShawa awakuthandi ukutya abantwana, atya kuphela abo bahamba bayokungena ebhedini bengahlambanga!”



Yhooo! Uza kuthini uZandi!

"Alikho ixesha lokudlala," latsho iGongqongqo leBhafu. "Yikha iglasi yamanzi ubesisambene ukuya nayo kwigumbi likaZandi."

Ndifike ngexesha elifanelekileyo – xa kanye iGongqongqo leBhedi likhamisele ukuginya uZandi. "Hamba apha gongqongqo! Ndakwaza. Ndakugqiba ndawathi quba onke loo manzi kudade wethu.





Kunjalo. Ndimsindisile uZandi kwiGongqongqo leBhedi! Le yinto endiyixelela uMama qho endibuza ukuba kutheni ndigalele iglasi yamanzi kudade wethu. Andazi nokuba uyandikholelwa kusini na. Ndiyafunga sokuze ndiphosise, ukuba ndiyaphosisa ndakutya impukane iphila!

## SEBENZISA UBUGCISA BAKHO!

Zoba umfanekiso kaZandi ebukeka emdaka kakhulu yaye esoyika. Zoba igongqongqo elikhulu eloyikekayo lime ecaleni kwakhe. Zoba iqamza lentetho ecaleni kwegongqongqo ubhale into ocinga ukuba igongqongqo liyithethile kuZandi.

# UMalusi neGongqongqo leBhafu

Libali likaLeo Daly • Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink

## Umfanekiso

Zoba umfanekiso obonisa ukuba ubuza kuba njani ukuba ubudlale eludakeni kunye noZandi noMalusi.

## Ukufunda

Cinga ngento eyenzeke kwibali uze uphendule imibuzo. Khangela iinkcukacha ezikwibali ukuze zikuncede.

- Ngaba ucinga ukuba uZandi uyakholelwa ukuba likhona iGongongqo leBhafu?
- Ucinga ukuba uye wathini kuMalusi xa ebemgalela ngeglasi yamanzi?
- Ucinga ukuba umama kaMalusi uye wamkholelwa xa ecacisa ukuba bekutheni aze amgalele ngamazi uZandi?

## Ukubhala

Bhala izinto onokuzibona ngayo iGongqongqo leBhedi. Zoba umfanekiso obonisa ukuba injani uze emva koko uchaze ukuba injani, yenza ziphi izandi nokuba ihlala phi ukuze ukuba kukho nabani na oyibonayo azokuyazi kwangoko!

## Ubuchule

Ucinga ukuba linjani iGongqongqo leNdlu yaNgasese neGongqongqo leShawa? Sebenzisa izinto eziphinde zisetyenziswe ezifana neebhokisi zamaqanda, iziciko zeebhotile, iibhokisi zekhadibhodi, ii-toilet roll, itawuli yephepha kunye neglu, ipeyinti nephepha ukuze wenze iGongqongqo leNdlu yaNgasese neGongqongqo leShawa?

## Ukwenza

Balisa ibali elihlekisayo ngesepha emunculukayo nangokuhlamba.